.

Abelesitatu iqela, abalishumi elinabatatu, ngabafumene amapetshana okubambisa iminyaka emibini, ekubonakala ukuba abakaufaneli ngokuzalisekileyo umsebenzi wabo, ekuya kufuneka kengoko ukuba bake babuye baye kolunye uviwo pambi kokuba babe zezizeleyo ititshere.

Xa sibahlula abapumeleleyo ngokwendawo abafunde kuzo sibafumana bemi ngoluhlobo. E-Nxukwebe abapumelele ngokuncomekayo ngu Richard Kawa, Ebenezer Magaba no William Dwame: abafumene iziqiniselo zokuba baulingene umsebenzi ngu John Jabavu, James Pelew no Silas Mhlaleli —bebonke batandatu. Abase Lovedale, opumelele ngokuneomekayo ngu Margaret Stewart: abafumene ezokulingana umsebenzi, Joseph Joninga, Benjamin Sakuba, William Daniel no Magerman Platjes— bebonke bahlanu. Abesikolo sentombi zamangesi sase Bayi, ngu Jessie Macintosh, Elsie Earquhar, Helen C. Davison no Mary Elizabeth Parkin. Bobane bafumene iziqiniselo zokuwufanela umsebenzi.

E-Rini, kwisikolo sentombi zabelungu ekutiwa yi Diocesan Girls School, u-Edith D. Hinwood ufumene esabapumelele ngoku ncomekayo baza u-Elorence C. Tennant no Elizabeth E. Theron bafumana ezokulingana umsebenze. Bebonke abakona batatu. E-Kapa, kwisikolo ekutiwa yi Good Hope Seminary, babe babini abapumeleleyo, u-Sophia Rice wafumana esabancomekayo, waza u-Hester Louw wafumana esokulingana um- sebenzi. Kwezinye indawo bangabanye. Abapumelele ngokune omekayo kuzo ngu Leon Louis Vincent wase Qonce, no George C. S. Eorster wesase Clanwilliam, no William Hurst wesase Rondebosch, no Anna S. M. Borgstrom wesase Kapa ekutiwa yi Burton's School, no Phoebe J. Parott wesase Piquetberg, no Peter Kannemeyer wesabantsundu e-Zonnebloem, no Richard Mukuna wesabantsundu e-Rini. Abafumene ezokuwu. lungela umsebenzi esingekabakankanyi ngu Maria E. Truter wesase Wellington ngase Kapa, no Mary McConville wesase Kapa ekutiwa yi St. Bringets' Mission School.

Abafumene amapetshana

1. Lovedale, *5*
2. Girls Collegiate School, e-Bay 4
3. Diocesan Girls School, eRini 3
4. Good Hope Seminary, e-Kapa 2.

Kulamanani asibafaki abafumene izibambiso zeminyaka emibini. Ukuba sizilandelisa izikolo ngokupumelela kwabantwana kakuhle, sifumana ezokuqala zozihlanu zimi ngoluhlobo:

1. Lovedale,
2. Good Hope Seminary,
3. Public School Berlin, e-Qonce,
4. Nxukwebe,
5. Public School, Clanwilliam.

Elinye izwana esinga singalenza ngoluviwo beluko lelokuba sinozizi ukuba singaboni magama entombi zabantsundu kwaba bapumeleleyo namhla. Siyatemba ukuba aziyi kusala ngase mva lakuba livuliwe ituba elinje ngeli loviwo, apo zinokugxilana kona namadodana. Siyakulindela kakulu ngoluya kubako ngo September ukuzibona nazo. Enye inda- wo yeyokuba namhla libe lininzi kangaka inani labasilelelweyo. Kulonyaka udluleyo kolwaluko ngo March 23, abantu abasilelelwayo baba sibozo kwakupela, namhla bangapezu kwamashumi amahlanu. Sikolwa ukuba into ebangele oko kukuba bebaninzi abacinga ukuti ngoku uviwo alusanqabe ngangoko beluke lunjalo ngapambili, abati ngenxa yalongcinga baziyekelele izifundo zabo. Siti banga bangati bonke abacinga ukuya kulinga ngo September babinqele pezulu, abakufundayo bakucokise. Kubonakala ukuba abaninzi bagilwe kukubala, nohlobo lokupata isikula, nasekupeledisheni Isingesi. Banga abakwiqela elibete nganeno abangencame. Kulamagama siwakankanyileyo kuko esibaziyo ukuba bebese beze kupinda; namhla ke bawufumene umvuzo womonde nokungancami.

Ngokumalunga noluya kulandela uviwo nobona kwesi sanamhla *Isigidimi,* ukuba u- Dr. Dale uti luya kuba ngo 28 ka September. Sicela kanjalo ukuze bonke bakuqondisise ukuba uti zizipina ititshere ezingati ukuba ziyatanda zingabi saya eluviweni.

UBUKOBOKA E-AFRICA.

PAKATI kwezinto ezininzi abayakuyibulela ngazo i-England zinqiniso zokuba akukapeli, ngomkombe ofike e-Natal uvela e-Zanzibar sesokuba kufike eziti amakoboka 133 abe funyenwe emikombeni yama Arab, yeyenkosazana abati yi *Thetis* ne *London.* Kwelonani amashumi asixenxe anesixenxe ase ngabantwana. Kufikwe into eninzi yawo ibanjwe sisifo; ngoku ayondliwa e-Mambosa Umkombe obanjwe yi *Thetis* ufunyenwe ungenelwa ngamanzi, kwaza kwavakala ukubaamanye amakoboka abeseleposwe elwandle ukwenzela ukuba ube lula umkombe. Elinye lamapepa apesheya libalisa nge *Briton* omnye wemikombe ye Nkosazana okutshelwe ukuya kwalusa ukuze kungabiwa makoboka kolunxweme lwangase Zanzibar. Uti lomkombe ukulule amakoboka 220. Omnye wemikonjana yokuba amakoboka wafunyanwa unamadoda nabafazi nabantwana aba 122. Bonke babe kwisimo esoyikekayo kanye, sobubi, ukunqina oku sebezindwayi ekunqabileyo nokubona ubuntu kuzo. Ukusuka kwawo ekaya aye kumakulu amabini, aza angapezu kwamashumi asibozo afa yindlala, agityiselwa elwandle ngokwezinja.

Kulusizi ukuzibalisa ezokupatwa kwamakoboka ngaba bafo bawatengisayo. Indawo eyona sifuna ukukangelisa kuyo yeyokuba ubukoboka busahleli. Kuyabonakala kanjalo ukuba abuyi kufa ngalo lonke ixesha abantu base Africa basavumayo ukutengisana bodwa: esati uyise atengise umntwana wake kanti mhlaumbi unxamele umcako welinennokuba siqwengana sekoton. Into eya kubugqiba kuti tu kupela kuhamba kwelizwi lika Tixo nokukanya okulilandelayo kwemfundo. Lilizwi into eya kugaula ingcambu yesi siqalekiso se Africa, esikade siyibangele ukuba inyatelelwe pantsi. Ngobani na ke abebefanele ukulisa elo lizwi kwezo ntsizana zizibubisa ngokwazo? Konyana base Africa — ama Africa azidla ngobu Africa bawo, kunjanina ukuzifunda ezindaba zobukoboka nobudenge, nokungazani no Msindisi okupakati kwamakowabo? Kunjanina kwiremente zezizigama zakubaliselwa ngezizinto? Alikafikina ixesha lokuba zikupe imali, zikupe